Umgaqo Siseko Wenguqu Kwingingqi Yase-Franschhoek.

Inguqulelo emfutshane

THINA, BANTU BENDAWANA YASE-FRANSCHHOEK siluluntu oluhlala kummandla omnye, kungoko ke sinefuthe komnye nomnye nakwikamva lentsebenziswano yethu.
Akulula ke ukusebenza ngokubambisana kuba iimeko esiphile phantsi kwayo ixesha elide zisenze ukuba sithiyane, singasebenzisani njengabahlali abantu abanye abamanyeneyo.

Ngenxa yembali yethu siphila kumazwe ahlukeneyo. Asazani, yaye siyacingelana omnye nomye. Asihlalisananga njengabantu bendawo enye. Okuyinyaniso kukuba asizikhathazi ngomnye umntu kwaphela.

Asohlukenanga nje kuphela, asilingani. Ubutyebi bethu abohlulwanga ngokulinganayo nangona indawo yethu ingadingi butyebi obunokusanela sonke. Ezi meko zokungalingani, zidlulela kwisizukulwana ngesizukulwana.

Iziphumo zentlalo yethu zisichaphazela sonke: ulwaphulo'mthetho, ukuba ngoohlohlesakhe, ukwanda kokusetyenziswa kweziyobisi, ukuhlukunyezwa kwasekhaya, ukungakhathaleli abantwana, ukujongelana phantsi, ukucela,ukungabinaluhoyo, ukucwasana ngokokwebala kwabamnyama bodwa, ukuphelelwa lithemba nokungakhathaleli ikamva.

Kwilizwe le nkululeko silindele ukuba iinkokheli zethu zijongane nezi meko kodwa aziloxanduva lukarhulumente yedwa. Nathi njengabemi kumele sithwale uxanduva lokuzisombulula.

Ngoko ke siyazibophelela kwezi zinto zintathu zilandelayo:

1. Masisebenzele ukuvala umsantsa phakathi kwethu.

2. Sifuna ukulingana, sibebanye, sityebe sifunde yaye sibenefuthe eluntwini.

3. Sifuna ukuba nokwehlula okubi kokulungileyo, sabelane ngamathuba emfundo, omnotho, ezindlu, emisebenzi, nezinye.

Ekuzameni ukukhawulelana nezi zinto sizikhankanyileyo, siyakuqaphela ukuba kufuneka sisebenzisane sisonke. Wonke umntu ohlala kule ndawo unebango. Sonke sifuna ukuhlala ngendlela efanelekileyo kwindawo enempilo, enemveliso nennenkathalo. Kufuneka sikhusele ilungelo lomntu wonke lenkululeko, lokukhuseleka nelokonwaba.

Oku konke akumelanga kuthathe iminyaka ukuphumeza. Kungoko ke sizibophelela kwezi zinto ebomini bethu, ngokubeka isiseko sekamva elingcono lomntu wonke wale ndawo.